Indlela Iindlovu Ezafumana Ngayo Imiboko Emide

Judith Baker
Wiehan de Jager
Xolisa Guzula

Xhosa
Level 2



Sonke siyayazi into yokuba indlovu inomboko omde.



Kodwa kudala umboko wendlovu wawumfutshane kakhulu futhi utyebile okwesihlangu esibekwe ebusweni bayo. Wawuyimpumlo nje eqhelekileyo.

Ngenye imini kwazalwa ithole lendlovu. Lalinomdla ngayo yonke into. Lalisoloko linombuzo kwisilwanyana ngasinye.

Lalilangazelela ukwazi ngendlulamthi. “Kutheni unomqala omde?” labuza kwindlulamthi.



Lalilangazelela ukwazi ngomkhombe. “Kutheni uneempondo ezitsolo?” Labuza kumkhombe.



Lalilangazelela ukwazi ngemvubu. “Kutheni unamehlo abomvu nje?” Labuza kwimvubu.



Kanti lalilangazelela KAKHULU ukwazi ngengwenya. “Ingwenya itya ntoni ngesidlo sangokuhlwa?”



“Ungakulinge uphinde ubuze umbuzo onjalo!” watsho umama walo. Waze wahamba engatyhilekanga.

Kodwa ngokukhawuleza kwafika uNomyayi owayekrelekrele wathi, “Ndilandele siye emlanjeni. Apho uza kutsho ubone ukuba ingwenya itya ntoni ngesopholo.”



Ngenene ithole lendlovu lalandela unomyayi ukuya emlanjeni.

Lazinyanzela ezingcongolweni laze lema enyeleni yomlambo. Lajonga emanzini. Yayiphi ingwenya?



“Molo,” kwatsho ilitye elalingakwinyele yomlambo. “Ewe,” laphendula ithole lendlovu. “Ungandichazela ukuba ingwenya itya ntoni ngesopholo?”

“Goba uze ezantsi ndizokukuxelela,” laphendula ilitye. “Yehla, yehla, kwakhona.” Ngenene ithole lendlovu lagoba, lehla, laphinda lehla laze.

“Xhakamfu!” Impumlo yethole lendlovu yabe sele isezindlathini zengwenya. “Ingwenya iza kutya wena ngesopholo!” Wakhala watsho unomyayi.

Ithole lendlovu laxhathisa ngemilenze yalo yangemva eqinileyo, latsala, latsala, latsala. Kodwa ingwenya ayatsho ukuliyeka.

Impumlo yethole lendlovu yanwebeka, yanwebeka, yanwebeka laze. “Dudlu!” lawa labetheka ngomqolo.



Ngokudikwa kukuphuncukwa sisidlo,
ingwenya yatshona phantsi kwamazi.



Ithole lendlovu lajonga impumlo yalo. Kodwa lalingakwazi ukubona apho yayiphela khona!



Impumlo yalo yayinde kangangokuba yayinokukwazi ukukha iziqhamo emasebeni aphezulu emithi.

Impumlo yalo yayinde kangangokuba yayinokukwazi nokuhlamba umqolo walo ngamanzi. Ukusukela ngaloo mini, zonke iindlovu zaba nemiboko emide eluncedo.

Storybooks South Africa

global-asp.github.io/storybooks-southafrica

Indlela Iindlovu Ezafumana Ngayo Imiboko Emide

Written by: Judith Baker
Illustrated by: Wiehan de Jager
Translated by: Xolisa Guzula

This story originates from the African Storybook (africanstorybook.org) and is brought to you by Storybooks South Africa in an effort to provide children's stories in South Africa's many languages.

This work is licensed under a Creative Commons
Attribution 3.0 International License.